



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2020**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1  
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 70**

---

Le memorandam inamaphepha asi-9.

---

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebezise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganiqwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalirkwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebezise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

**ISICATSHULWA A**

- 1.1 NguGawulayo. √ (1)
- 1.2 Amaziko empilo karhulumente nazimeleyo atyala imali eqikelelwa kwi-R19 bhiliyon rhoqo ngonyaka kwiinkqubo zikaGawulayo √√/ kubekho inkqubela enku lu ekwenzeni abantu ukuba bavavanyelwe uGawulayo kusetyenziswa imibutho karhulumente nezimeleyo. √√
- (Nayiphi na kwezi)** (2)
- 1.3 Inani leminyaka alindeleke ukuba ayayiphila amabhinqa linyuke ukusuka kwiminyaka engama-56.6 ngo-2007 ukuya kutsho kwengama-67.7 ngo-2019 ukanti wona amadoda asuke kwiminyaka engama-52.3 ukuya kwengama-61.5. √√ (2)
- 1.4 Sibonakalisa ukuzenza. √√ (2)
- 1.5 Yingqiqo yakudala yoluntu. √√ (2)
- 1.6 limbedlenge ngabantwana abaselula abangathathi ntweni √√/ ngabantu abangenanto nabaxhomekeke kwabanye ukuze batye. √√
- (Nayiphi na kwezi)** (2)

- 1.7 Ndiyangqinelana, kuba amadoda amadala kudala ethandana kwaye elala nabantu ngabantu abe wona amantombazana aselula eqala ukulala nabantu ngala madoda madala. √√

**OKANYE**

Andingqinelani, kuba kweli xesha nawo amantombazana aselula sele ethandana kwaye alala nabantu abaninzi. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

- 1.8 Kulo mhlathi umxholo ungokuba abantu mabavavanyelwe uGawulayo ukuze bazazi ze bafumane unyango. √√ (2)
- 1.9 Ukuphungula √/ ukunciphisa √/ ukwehlisa √/ ukuthoba. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

- 1.10 Ubethelela ingcinga yokuba ngamabhinqa osulela amadoda ngoGawulayo. √√ (2)
- 1.11 Sisetyenziswe emva ko-thi. √ (1)
- 1.12 A √/ A. Ukubethwa kwabafundi ngoottitshala √/ ukubethwa kwabafundi ngoottitshala. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

- 1.13 Eli phulo libe nefuthe ngokuthi kwenyuke inani labantu abafanele ukunyangwa ngokuphindwe kabini kwisithuba nje esingaphezulu konyaka. √ (1)

- 1.14 Kukuncoma urhulumente woMzantsi Afrika ngegalelo analo ekuncediseni ukulwa nesifo uGawulayo. ✓ (1)
- 1.15 Ndifunde ukuba ukuvavanyelwa ugawulayo kubalulekile ukuze uzazi, uzokufumana unyango noncedo. ✓✓
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)** (2)
- 1.16 Kukho umntu ozitofa ngeziyobisi, ✓ kuba kukho ingalo nenaliti kunye neziyobisi ✓/ kusetyenziswa iziyobisi, ✓ kuba kukho ingalo ebotshiweyo nenaliti kunye neziyobisi. ✓✓
- (Nayiphi na kwezi)** (2)
- 1.17 Ukusebenzisa iziyobisi akulunganga, kuba kungayibeka emngciphekweni impilo yakho ngokuthi wosuleleke zizifo. ✓✓/ Ukusebenzisa iziyobisi kubulala ikamva lolutsha kwilizwe lonke. ✓✓
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
- 1.18 Asiwuxhasi, kuba kwisicatshulwa A kuyagxekwa ukuzitofa ngeziyobisi kanti kwisicatshulwa B sibona umzekelo wokusetyenziswa kweziyobisi. ✓✓

### OKANYE

Siyawuxhasa kuba kwisicatshulwa A kugxekwa ukuzitofa ngeziyobisi kanti nalapha kwisicatshulwa B kuvezwe ingalo yomntu osebenzisa iziyobisi sele engathi akasaphili. ✓✓

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2****UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO**

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundsi)
  - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

**QAPHELA**

- **Imo**
  - Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusiggiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

## UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA

UCAPHULO		IINGONGOMA	
1.	Ukusela utywala nokuba bungakanani kuyingozi elusaneni olukhulelwego.	1.	Ukusebenzisa utywala akulunganga empilweni yosana lomntu okhulelwego.
2.	Kuyingozi ukutshaya ukhulelwego kuba kungenza usana uluzale luluncinane kakhulu.	2.	Akulunganga ukutshaya xa ukhulelwego kuba loo nto ingabangela ukuba usana luzalwe luluncinane kakhulu.
3.	Unganayo ikati kodwa ungalicoci ilindle layo kuba linentsholongwane ekuthiwa yi-toxoplasmosis engakwenza ubeleke phambi kwexesha.	3.	Akukho nto ingalunganga xa unqwenela ukuba nayo ikati kodwa ungazihlanganisi nelindle layo kuba linentsholongwane i-toxoplasmosis enokubangela ubeleke phambi kwexesha.
4.	Musa ukutya ukutya okungalubeka emngciphekweni usana lwakho olukhulelwego.	4.	Akufanele kutya ukutya okungabeka impilo yosana olukhulelwego engozini.
5.	Ungasebenzisi amayeza, izinto ezongeza iivithamini okanye amayeza esintu xa ukhulelwego ungakhange ufumane iingcebiso zikaggirha.	5.	Akufanelekanga ukuba usebenzise naluphi na uhlobo lwamayeza ngaphandle kokucela imvume kagqirha.
6.	Ungayiphathi ipeyinti nezibulala-zinambuzane.	6.	Akulunganga ukusebenzisa ipeyinti nezibulala-zinambuzane.
7.	Musa ukuhlamba ngamanzi ashushu kakhulu.	7.	Phambi kokuhlamba qinisekisa ukuba amanzi awakho shushu kakhulu.

### UKUBHALA NGOKOMHLATHI

Ukusebenzisa utywala akulunganga empilweni yosana lomntu okhulelwego. Akulunganga ukutshaya xa ukhulelwego kuba loo nto ingabangela ukuba usana luzalwe luluncinane kakhulu. Akukho nto ingalunganga xa unqwenela ukuba nayo ikati kodwa ungazihlanganisi nelindle layo kuba linentsholongwane i-toxoplasmosis enokubangela ubeleke phambi kwexesha. Akufanele kutya ukutya okungabeka impilo yosana olukhulelwego engozini. Akufanelekanga ukuba usebenzise naluphi na uhlobo lwamayeza ngaphandle kokucela imvume kagqirha. Akulunganga ukusebenzisa ipeyinti nezibulala-zinambuzane. Phambi kokuhlamba qinisekisa ukuba amanzi awakho shushu kakhulu.

(70)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
  - limpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikhoso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifikwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

- |     |   |      |
|-----|---|------|
| 3.1 | Ziziqhamo. ✓  | (1)  |
| 3.2 | Kumntu wonke. ✓   | (1)  |
| 3.3 | Igama iziqhamo linxulumana nomfanekiso ngokuba ikiwi elisemfanekisweni lizotye ngeziqhamo. ✓✓ | (2)  |
| 3.4 | 'Yitya' ✓   | (1)  |
| 3.5 | Kubethelela ingcinga yokuba eli kiwi libukeka lisempilweni ngenxa yokondliwa ngeziqhamo. ✓✓   | (2)  |
| 3.6 | B ✓/ B. Intaka ✓/ intaka. ✓   |      |
|     | <b>(Nayiphi na kwezi)</b>   | (1)  |
| 3.7 | Ndiyangqinelana, kuba iziqhamo zidume ngokuba nezakha mzimba ezikugcina usempilweni. ✓✓       |      |
|     | <b>(Nayiphi na impendulo echanekileyo)</b>  | (2)  |
|     |   | [10] |

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

- 4.1 Basegumbini likaLiyema, √ kuba kukho ucango. √/ Basegumbini lokulala, √ kuba kukho umqamelو. √

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

- 4.2 Lisetyenziswe emva kwesibizo √/ Lilandela isibizo. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

- 4.3 Uphuhlisa ukuba akayazi into emnandi ethandwa nguLiyema. √√

- 4.4 Abonakalisa ukuba uLiyema akaggibanga ukuthetha √/ abonakalisa ukuba intetho isaqhubeka. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

- 4.5 Ivezza ukuba akalindelanga enye impendulo √√/ ivedza ukuba ugqibile ukuthetha naye. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

- 4.6 Akulunganga, kuba kubalulekile ukumnika ithuba elaneleyo umntu aveze ezakhe iimbono. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)  
[10]

**UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO**

- 5.1 Libonakalisa indawo. √ (1)
- 5.2 Sizisa intsingiselo yobuncinane ngokuzalwa. √ (1)
- 5.3 Ukufikisa kukufikelela kwinqanaba lobudala lobuntombi okanye lobukhwenkwe apho kuye kubekho iimpawu emzimbeni ezibonakalisa ukukhula. √√ (2)
- 5.4 'Kananjalo ulahlekiwe yinto yokuba nenkwenkwe leyo ikudidi lwengozi emntwaneni oyintombazana ...' √ (1)
- 5.5 Luhlolo lokuqondisa. √ (1)
- 5.6 Kugxothwe umfundsi omnye kwesi sikolo, kodwa bebemoshe bebabini. √
- (Nasiphi na isivakalisi esibonakalisa u-nye olinani)** (1)
- 5.7 Libhongo √/ liqhayiya.√
- (Nayiphi na kwezi)** (1)
- 5.8 Uyise uthi xa ayiyalayo, "U√ze w√azi into yokokuba ngoku u√vuthiwe."
- (Nasiphi na isibini)** (2)  
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30  
AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70